



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**CANZIBE/SILIMELA 2025**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: liyure 3**

**Olu viwo lunamaphepha ama-5.**

**IMIYALELO NENGACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:  
  
ICANDELO A: Izincoko (50)  
ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)
2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba ucwangcise (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokucwangcisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo ukuba uthe wenza uyilo.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:  
  
ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100  
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-(2 x 40) 80
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucecekileyo nangokucacileyo....

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

**UMBUZO 1**

- |     |   |      |
|-----|---|------|
| 1.1 | Lade lazaliseka ithemba                           | [50] |
| 1.2 | Wayeyincutshe ke loo mcuphi                       | [50] |
| 1.3 | Isiphumo sihambelana nesenzo hayi iminqweno yodwa | [50] |
| 1.4 | Wandipheka endophula                              | [50] |
| 1.5 | Akukho lula ukukhetha phakathi kwabazali          | [50] |
| 1.6 | Bafana twatse ngezenzo, makangazithetheleli       | [50] |

Qwalasela uze ukhethe ubemNYE kwimifanekiso engezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo. Nombola impendulo yakho ngolu hlobo (1.7 OKANYE 1.8).

1.7



[Uthathwe ku-[www.foodtruckempire.com](http://www.foodtruckempire.com)]

**[50]**

1.8



[Uthathwe ku-<https://www.thoughtco.com/drought-causes-stages-and-problems>]

[50]

**AMANQAKU ECANDELO A:**

**50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Khetha imihlathi ibeMIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta eya kumhlobo wakho ucele indawo yokuhlala ngethuba usafuna umsebenzi kwidolophu ahlala kuyo.

**[25]****2.2 INTETHO ESESIKWENI**

Isikolo esikwingingqi yakho siza kubanenkonzozo yokukhuthaza nokomeleza abafundi abaza kuhlalela iimviwo. Uchongiwe njengesithethi esimele abafundi.

Bhala intetho yokukhuthaza nokomeleza abafundi bebanga le-12.

**[25]****2.3 I-OBHITSHUWARI**

Uliilungu leforam yokugcina ucwangco kwingingqi yakho, kusweleke ipolisa ebelizinikele emsebenzini walo kule foram.

Bhala i-obhitshuwari yalo.

**[25]****2.4 ILETA EYA KUMHLELI**

Bhala ileta eya kumhleli uphalaze izimvo zakho ngendlela exazalala ekulahlwa ngayo inkunkuma kwiindawo ezingafanelekanga.

**[25]****2.5 IRIVYU**

Uceliwe ngumpapashi ukuba uphawule ngefilim okanye ngomdlalo weqonga ekulungiselelwa ukuba uyokudlalwa ezikolweni.

Bhala irivyu yefilim okanye umdlalo weqonga utyhile izinto ezinokuzuzwa nezinokususwa ukuze ikulungele ukufundisa.

**[25]****2.6 INQAKU LEPHEPHANDABA**

Ungumgwebi kukhuphiswano lokubhala iijenre ezahlukeyo; njengamabali amafutshane, isihobe, iinoveli needrama.

Bhala inqaku lephephandaba uncoma izakhono zolutsha zokukhetha imixholo, ukukhula kwetalente nobuchule bokusebenzisa ulwimi kwezi jenre.

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**